

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EyoMdumba 2019 Ushicilelo I

## 300 new nurses, thanks to stimulus package



Jubilations! Nurses celebrate the good news of their employment, thanks to President Cyril Ramaphosa's stimulus package.

**N**ompumelelo Majola recently had to deal with the sorrow of burying her 65-year-old mother who had succumbed to a long illness.

On the day of the funeral, she received a phone call from the KwaZulu-Natal Department of Health telling her that her application to work as an Enrolled Nursing Assistant had been successful.

"I could not believe it," she said. She had spent the past 13 years struggling to find permanent employment.

Majola who originates from Mbumbulu, now works at the Prince Mshini

Memorial Hospital in Umlazi in Durban.

"I'd like to thank President Cyril Ramaphosa and MEC Dr Sibongiseni Dhlomo for making our dreams come true," she said.

The employment of the nurses was part of the stimulus package, which was announced by President Ramaphosa. It aims to boost the public health sector through the creation of more than 5 300 jobs throughout the country.

The provincial depart-

ment is also finalising the appointment of porters, general orderlies, pharmacy assistants and artisans.

Another newly appointed nurse Gugu Mdlalose, from KwaMashu, who has been placed at Wentworth Hospital, said: "This was going to be my 14th year of not working since qualifying as a nurse. I am extremely grateful to Bab' Ramaphosa and the entire health team," she said, fighting back tears.

● Cont. page 2



Innibus Craft Awards now open for entries

Page 16





**ALSO AVAILABLE ON:**



ANDROID APP ON  
Google play




Available on the  
App Store

@VukuzenzeleNews  
Vuk'uzenzele  
 Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)  
 E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
 Tel: (+27) 12 473 0353

**Free Copy**

# Ukufakwa kwezicelo zemisebenzi ekhompyutheni kwensiwe kwalula

**NCOKUMISELWA** kwenkubo yobuchwepheshe bekhompyutha ebizwa i-e-Recruitment yokufaka isicelo somsebenzi ngekhompyutha, urhulumente ubonakalise ukuzinikela kwakhe ekuphuculen i ubomi bolutsha nabanemfundo enezidanga.



Ngokucofa nje iqhosha abemi boMzantsi Afrika ngoku bazokwazi ukufaka izicelo zomsebenzi ngothungelwano lwe-intanethi.

**A**bantu abafuna imisebenzi kungeku-dala baza kukwazi ukufaka izicelo zemisebenzi karhulumente ngoku ngokusebenzia inkqubo ye-e-Recruitment esungu-lwenguMphathiswa weSebe lezabaSebenzi bakaRhulumente noLawulo u-Ayanda Dlodlo.

UMphathiswa uthe inkqubo ye-e-Recruitment iqualisa kwiSebe lezabaSebenzi bakaRhulumente noLawulo (i-DPSA) kanti kungekudala izi kungena kwiinkonzo zikarhulumente ziphelele.

Inkqubo ye-e-Recruitment iyinxenye yenqubo karhulumente ebanzi eyenzelwe ukuba ingabinabugocigoci futhi elula ebantwini, ukuba bafake izicelo zemisebenzi kwiinkonzo zikarhulumente, ingakumbi kulutsha.

"Inkqubo ye-e-Recruitment iyinxenye yenqubo karhulumente ebanzi eyenzelwe ukuba ingabinabugocigoci futhi elula ebantwini, ukuba bafake izicelo zemisebenzi kwiinkonzo zikarhulumente, ingakumbi kulutsha.

"Le nkqubo izi kuquka nokuhlaizwa kwemimiselo emalunga nayo yonke imisebenzi ekwinqanaba lokuqala kuyo yonke imisebenzi ekwiinkonzo zikarhulumente ukuze kuvumeleke ukuqeshwa kwabantu abatsha abafuna umsebenzi bengenawo amava kwimisbenzi ekwinqanaba lokuqala," utshilo uMphathiswa uDlodlo.


Uthe akunakuphikiswa ukuba iinkqubo zangoku zokugaya abasebenzi zinobugocigoci kwabo bafuna imisebenzi kwaye amasebe karhulumente awakahambelani okanye awakaphuhlri ngokweenguuko zophuhliso lobuchwephethe lwa maxesha.

"Kwabo bangabafuni-msebenzi, inkqubo entsha ye-e-Recruitment izi kuba lunedo njengoko

isekwe kuthungelwano lwewebhu kwaye iyafikeleka kwiindawo ezahluka-hlukaneyo ukwenzela bonke abafuna imisebenzi bafake izicelo kuvimba weenkukacha ophantsi kolawulo oluyintloko," utshilo.

UMphathiswa uthe le nkqubo izi kwenza ukuba abafaki-zicelo bakwazi ukuqhagamshela iinkcazel zabo zobomi (ii-CV) kunye namaxwebhu angamabakala wabo ezemfundu kanye kwaye le nkqubo ibanceda ekubeni bangachithi mali yokwenza iikopi ngeekopi qho befaka izicelo.

"Kubalulekile ukugxininisaukuba izicelo zemisebenzi kwiiNkonzo zikaRhulumente ziya kwamkeleka naxa kusetyenziswe iifomu eziphathekayo ze-Z83 ukuze kubonelelwe nabo



KwaZulu-Natal Health MEC, Dr Sibongiseni Dhlomo, comforts new nurse Nompumelelo Majola, whose mother recently passed away.

## From page 1

MEC Dhlomo expressed his heartfelt gratitude to President Ramaphosa for the stimulus package, saying that its beneficiaries will be the vast majority of the population who rely on the State for their health needs – particularly those in far-flung areas.

"Today, there are 300 families who have breadwinners. These nurses

have brought tears of joy." Dr Dhlomo said the nurses have been sitting at home for over 14 years. "These are the nurses who are at the bottom of the ladder of the nursing profession, but they mean so much to our people."

"We hope by injecting 300 new nurses into the system, we're going to bring meaning in terms of quality of service to our people." ▶

bangakwazi kufikelela kwi-intanethi kanti ziya kuphinda zibe khona na-kwi-intanethi ngokolungiselo lwekhompyutha ukuze ikhawuleziswe kwaye ibelula inkqubo yokufakwa kwezicelo kwabo bane-intanethi," utshilo.

UMphathiswa uthe uncedo olufunyanwa ngamasebe karhulumente kukuba inkqubo le iwavumela ukuba afake izaziso zezithuba zemisebenzi ekhompyutheni ukuze ke ngoko kunciphe iindleko zenqubo yangoku yokupapasha iza- ziso zezithuba zemisebenzi kumaphephanda.

Le nkqubo yobuchule obutsha ingumzamo wentsebenziswano phakathi kweSebe leeNkonzo zikaRhulumente noLawulo kunye neSebe laseGauteng le-e-Government.

ISebe laseGauteng le-e-Government libonelela ngemithombo yoncedo efunekeyo ukuze inkqubo isebe, ngeli xesha i-Arhente yobuChwepheshe boLwazi kaRhulumente (SITA) isebe nzisana ngobonelelo lwezakhono zobugcisa nophuhliso lweziseko ezingundoqo. ▶

**SAnews.gov.za**

# Isiqalo esitsha eMzantsi Afrika

Dale Hes

**S**ekuphele unyaka omnye ncum, emva kokuba uMongameli uCyril Ramaphosa eqalise isiqalo esitsha eMzantsi Afrika. Kwixesha nje elifutshane emva kokubamba isikhundla sakhe, uMongameli wenze iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe ethabathekisayo nevuselele ithemba, imincili nente-mbeko kwizigidi zabantu ababebukele kulo lonke ilizwe.

Kwabakho imincili enzulu engqonge iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe (iSoNA) yowama-2018. Bekufanelekile ukuba le ntetho yensiwe ngoNyaka wesiKhumbuzo seMinyaka eliKhulu kaNelson Mandela: ukususela kwisiqalo solawulo lwentando yesininzi akazange umongameli waseMzantsi Afrika abuve ngolu hlobo ubunzima bomthwalo wokulindeleke kuye obekwe emagxeni wakhe. Kodwa uMongameli uRamaphosa uwawole onke amanqaku kuluntu lwaseMzantsi Afrika. Le ntetho ichukumise kwimibandela eyiyona itshisayo elijongene nayo eli lizwe; yenze izindululo zezisombululo ezinobulumko; yaze yabonakalisa ukuzinikela ngokwenene ekwakhiweni koMzantsi Afrika ongcono.

## Imiba yogqaliselo IweSONA yowama-2018

Ngokufanayo nezinye iiSoNA ezinanzi zangaphambili, imiba yokudalwa kwemisebenzi, uhlumo lwezoqoqosho, ukulwa indlala, ezemfundo,

inkathalelo yezempilo, uhlengahlengiso lwezemihlabu, umakulingwane ngokwesini nokulwa ulwaphulo-mthetho kunye norhwaphilizo ibekwe phambili kwi-ajenda yeSoNA yowama-2018.

UMongameli uRamaphosa utha, nangona kunjalo, eli lelinye lamathuba okuzalwa ngokutsha nangokupheleleyo koMzantsi Afrika. Thuba elo ekuya kufuneka kulo ukuba sibe kwinqanaba elitsha lokwenza izisombululo.

"Sinikwe uxanduva lokwakha isizwe esitsha, siqubisana nezenzo ezingenabulungisa zexesa elidluleyo nezangoku zokungalingani. Siyabongozwa ukuba senze njalo phantsi kweemeko ezzinzima."

## Ukudalwa kwemisebenzi

Undoqo ekulweni indlala, kukudalwa kwemisebenzi okungomnye wemiba ese-kuqaleni ephakanyiswe ngu-Ramaphosa kwintetho yakhe.

"Esizikithini se-ajenda yethu yesizwe yowama-2018 kukudalwa kwemisebenzi, ingakumbi eyolutsha," utshilo uRamaphosa.

Ngokunyuka kwentswe-lo-ngqesho eMzantsi Afrika, uMongameli ugxininise isidingo esingxamisekileyo sokudalwa kwemisebenzi ngokuthathwa kwamanya-thelo aliqela. Isibhengezo seMbizo yemiSebenzi kaMongameli, ebandakanya iingxo-xo phakathi kwecandelo likarhulumente, elezoshishino, noluntu, samkelwe ngezandla ezishushu.

Le Mbizo yenzeke ekuqaleni kweyeDwarha, ibonakele ixabisikile ekudaleni umhlahla-ndlela wokudalwa



kwemisebenzi. Isivume-lwano seNkqubo-sikhokelo esityikitywe kule mbizo sichaze ngokufutshane iindlela ezingaphezu kwama-70 zongenelelo ekugxilwe kuzo, eziya kuthi phakathi kwezinye izinto, zomeleze izinyanzeliso zalapha ekhaya, zandise ziphinde zinabise urhwebo lokuthumela iimveliso kumzwe angaphandle, zidale imijelo yokufaka ulutsha emisebenzini nokuphuhlisa amacandelo afana nelezolimo elokwenza iimveliso, elezemigodi nelezoqoqosho olwenzini ngemveliso ephuma kwenye imveliso.

Ngenxa yolutsha oluchashzelwe kakhulu yintswe-lo-ngqesho, uMongameli uRamaphosa uzibeke phambili kwangoko iinkqubo eziokulunceda. INkonzo yeNgqesho yoLutsha (i-YES) yasungulwa kwiinyanga ezimbini emva kweSoNA yowama-2018, kwaye inika amashishini indlela entsha yokuqesha ulutsha ngokuluhlawula ngeli xesha lusafunda amava omsebenzi. Kuthe kuphela unyaka wama-2018, zabe iinkampani ezingama-266 sele zityikityile kwinkqubo ye-YES, kanti bangama-5,500 abantu abatsha

asebethathiwe emisebenzini.

## Ukukhulisa uqoqosho

Uqoqosho lwaseMzantsi Afrika beluhluma ngokucotha, lwade lwangena nakwimeko yokudodobala ekeqaleni kowama-2018. Ukuthenjwa ngabatyal-mali bekusoloko kuphantsi, kanti amacandelo anesakhono esiphezulu ebengayifumani inkxaso ayidangayo ukuze abe negalelo kuqoqosho.

Ngokuhambelana nentetho emfutshane yakhe yesiqalo esitsha, uMongameli uRamaphosa uliqalise kwangoko iphulo lotyalo-mali. Utyumbe abathunywa bombuso bohlobo olulodwa abane ukuba bahambe naye kwilinge lokuya kuzibika ukuze batsale utyalo-mali oluyitriliyon enye nezigidzi ezibini zeerandi (R1.2 seetriliyon) ngowama-2023. UMongameli uRamaphosa uye wakhenketha nehlabathi jikelele ukuze 'abuyisele intembeko yamazwe angaphandle' ukuba atyale imali eMzantsi Afrika.

Eli phulo liquunkjelwe ngeNgqungquthela yoTyal-mali yaseMzantsi Afrika ngeyeDwarha, aphi uMongameli ebhengeze khona ukuba utyalo-mali olunga-ngeebhiliyon ezingamakhulu amabini anesithoba eerandi (R290 eebhiliyon) luqinise-kisiwe, luze ludityaniswe neebhiliyon ezingamakhulu mane eerandi (R400 eebhiliyon) ezisisithembiso samazwe ayetyelelw ngethuba lephulo lotyalo-mali. Kucingeleka ukuba olu tyalo-mali xa ludibene luza kongeza iibhiliyon ezingamakhulu amathathu anamashumi amathathu (R330 eebhiliyon) kwisambuku semveliso yangaphakathi


(i-GDP) yoMzantsi Afrika ngowama-2024, kuze kudaleke imisebenzi engafikelela kuma-275 000 ngonyaka.

Uvuselelo loqoqosho lukaMongameli uRamaphosa kunye nesicwangciso sokubuyiselwa ngokutsha koqoqosho sichongwe nje-ngolunye ungenelelo olu-ngundoqo lokoyisa imiqobo esendleleni yoqoqosho lwaseMzantsi Afrika. Ngokubhengezwe kweyoMsintsi, umbumbutho wezithembiso uyikhawulezisile inkcitho ye-ziseko ezingundoqo, uhlaziyo lwezonxibelelwano lomnxeba nakumacandelo ezemigodi, ukuqhutywa kweeprojekthi ngokudibeneyo zikarhulumente nezabezoshishino kunye nenqubo engenabugocigoci yokufunyanwa kweevisa eyakwenza kubelula kwiinkampani zezi-zwe-ngezizwe ukuba zenze ushishino eMzantsi Afrika.

## Ukusiphula urhwaphilizo neengambu nokomeleza inkqubo yolawulo

UMongameli ubonakalise ukuzinikela ngenene eku-lusiphulen neengambu urhwaphilizo phakathi kukarhulumenthe nakumashishini karhulumente. Ikomishoni yophando lokuthinjwa kombuso iqalise kwangoko emva kokungena esikhundleni sakhe, njengoko kube njalo nangeekomishoni zophando e-Eskom naseSARS.

Utshintsho kwizikhundla zeenkokeli kumashishini karhulumente sesinye isalathiso sokuzimisela kukaMongameli sokulwa urhwaphilizo nokomeleza inkqubo yolawulo. ■



INkubo ye-YES liqalelo likaMongameli uRamaphosa elilisango lokuba ulutsha lufumane imisebenzi.